INCWADI EMALUNGA NOKUFIKELELA KWIIREKHODI ZEYUNIVESITHI YASENTSHONA KOLONI NGOKUPHATHELELE EKUKHUTHAZWENI KOKUFIKELELA KUMTHETHO WOLWAZI, UMTHETHO, NOMBOLO 2 KA- 2000.

UNIVERSITY of the WESTERN CAPE

OKUQULATHWE LELIXWEBHU

1. INTSHAYELELO NOBUBANZI BESICELO
2. AMANQANABA EZIHLALO ZEYUNIVESITHI NEMISEBENZI YAWO
3. AMAGOSA OLWAZI NAMASEKELA AWO: IINKCUKACHA ZONXIBELELWANO
4. UXWEBHU LWESICELO
5. IMALI EHLAWULWAYO
6. INKQUBO YOKUFAKA ISICELO SOKUFIKELELA KULWAZI –
7. UMDA WEXESHA LOKUJONGANA NEZICELO
8. UKWALIWA KOKUNIKWA KWEMVUME YOKUFIKELELA KULWAZI
9. IINKCAZO YEZIFUNDO EZINEEREKHODI KUNYE NEENDIDI ZEEREKHODI ZESIFUNDO NGASINYE EZIGCINWE YIYUNIVESITHI
10. IINDIDI ZEEREKHODI EKUNGAFUNEKI SICELO SISESIKWENI UKUFIKELELA KUZO (ICANDELO 15)
11. INGCACISO YEENKONZO EZIKHOYO EYUNIVESITHI NOKUBA ZIFUMANEKA NJANI LULUNTU LONKE
12. UKUTHATHA INXAXHEBA KUMAQUMRHU ATHATHA IZIGQIBO NGOMGAQO-NKQUBO EYUNIVESITHI (ICANDELO 14{G})
13. IZISOMBULULO EZIFUMANEKAYO MALUNGA NOMTHETHO OKANYE WOKUNGAPHUMELELI KWEYUNIVESITHI UKUTHATHA AMANYATHELO.
14. OLUNYE ULWAZI OLUFUMANEKAYO NJENGOKO KUMISELWE NGUMTHETHO.

Isihlomelo: “A”- UXWEBHU LS 226

Isihlomelo esengengeziweyo: “A” Ukukhuselwa kolwazi Ngeenkcukacha zomntu

1. INTSHAYELELO NOBUBANZI BEMANYWALI

Icandelo 32 (1) Lomgaqo-siseko weRiphabliki YoMzantsi Afrika, Umthetho 108 ka- 1996, uthi –

> "Wonke umntu unelungelo lokufikelela
>
> (a) naluphi na ulwazi olugcinwe ngurhulumente; futhi
> (b) naluphi ulwazi olugcinwe ngomnye umntu kwaye lufunelwa ukusetyenziswa okanye ukusukhusela nawaphi amalungelo."

Icandelwana (2) lithi umthetho welizwe mawenzelwe ukuphumelelisa eli lungelo.

Kungenxa yesi sizathu ukuba Umthetho Okhuthaza Ukufikelela Kulwazi. Umthetho 2 ka-2000 (ekusingiselwa kuwo emva koku njengo- "Umthetho") wathi wabhengezwa ngomhla we-7 Julayi 2000. Lo Mthetho waqala ukusetyenziswa ngomhla we-15 Septemba 2000.

Injongo echaziweyo Yomthetho kukukhuthaza isiqhelo sokwenza izinto elubala nokuba noxanduva kuluntu gabalala nakumaqela abucala ngokunika ifuthe kwilungelo lokufikelela kulwazi, kwanokukhuthaza ngenkuthalo uluntu apho abantu baseMzantsi Afrika banokufikelela ngokuvakalayo ukwenzela ukuba basebenzise ze bakhusele amalungelo abo ngokupheleleyo.

Icandelo 11 limisela ukuba ocelayo makanikwe imvume yokufikelela kwiirekhodi zequmrhu loluntu xa umceli ezithobela zonke iimfuno Zomthetho ophathelele kwisicelo kuloo rekhodi, kwaye ukuba ukufikelela kuloo rekhodi akwaliwanga nangaziphi izizathu zokwala njengoko kuchaziwe Kumthetho.

Ilungelo lomceli lokufikelela liphinde lingachaphazeleki nangaziphi izizathu ezinikwa ngumceli ukucela imvume yokufikelela.

Icandelo 3 Lomthetho limisela ukuba Umthetho uyasebenza kumaqumrhu oluntu gabalala nakulawo abucala. Amaziko emfundo ephakamileyo akhethwe Ngumthetho njengamaziko oluntu gabalala.

"IRekhodi" ichazwa Emthethweni njengalo naluphi ulwazi olurekhodiweyo, nokuba lukweyiphi imo okanye ulwimi, egcinwe okanye elawulwa lolo luntu okanye liqumrhu labucala ngokulandelanayo, nokuba na elo qumrhu loluntu okanye labucala yenziwe lilo na.

Umthetho usebenza ngokukhuphela ngaphandle nawo nawaphi amalungiselelo angaweminye imithetho engavumeli okanye ethintela ukuxelwa kwerekhodi yoluntu okanye yequmrhu labucala kwaye ibe ingenasizinzo ngento okanye ngelungiselelo Lomthetho elithile.

2. AMANQANABA EZIHLALO ZEYUNIVESITHI KUNYE NEMISEBENZI YAWO

2.1 Ikhansile

2.1.1 Imisebenzi:
Njengoko kuchaziwe ngokwakwicandelo 27 Lomthetho Wemfundo Ephakamileyo, Umthetho, 101 ka- 1997, njengoko ulungisiwe.

2.1.2 Ukwakheka:
Njengoko kuchaziwe ngokuka- S8.2 Wommiselo Weyunivesithi YeNtshona-Koloni, 2018.

2.2 Isenethi

2.2.1 Imisebenzi:

Njengoko kuchaziwe ngokwakwiCandelo 28 Lomthetho Wemfundo Ephakamileyo Umthetho Wemfundo . Umthetho 102 ka- 1997, ngokwesilungiso.

2.2.2 Ukwakheka:
Njengoko kuchaziwe ngokuka- S9.2 Wommiselo Weyunivesity YaseNtshona Koloni, 2018

2.3 Iqonga Leziko lemfundo

2.3.1 Imisebenzi:
Njengoko kuchaziwe ngokwakwiCandelo 31 Lomthetho Wemfundo Ephakamileyo, Umthetho 101 ka- 1997, ngokwesilungiso.

2.3.2 Ukwakheka:
Njengoko kuchaziwe ngokuka- S10.2 Wommiselo Weyunivesithi YaseNtshona Koloni, 2018.

2.4 Iikomiti Zekhansile Nesenethi

2.4.1 Imisebenzi:
Njengoko kuchaziwe ngokwakwiCandelo 29 Lomthetho Wemfundo Ephakamileyo, Umthetho 101 ka- 1997, ngokwesilungiso.

2.4.2 Ukwakheka:

2.4.3 Njengoko kuchaziwe ngokuka- S 11 Wommiselo Weyunivesithi yaseNtshona- Koloni, 2018 kunye nemithetho yeyunivesithi.

2.5 IRektha

2.5.1 Imisebenzi

2.5.2 Ukwakheka:
Njengoko kuchaziwe ngokwakwiCandelo 30 Lomthetho Wemfundo Ephakamileyo, Umthetho 101

3. IINKCUKACHA ZAMAGOSA OLWAZI NEZAMASEKELA AZO

3.1 Igosa Lolwazi

3.1.1 Igama**: Njingalwazi T Pretorius - URektha**
Idilesi yesitrato: University of the Western Cape, Robert Sobukwe Road, Bellville, 7535.
Idilesi Yeposi: Private Bag X17, Bellville, 7535
Inombolo Yefowuni: 021-9592220 I-
Emeyili: paia_rfa@uwc.ac.za

3.2 Amasekela Amagosa Olwazi

3.2.1 Igama**: Gqr. N Lawton-Misra - IRegistra**
Idilesi yesitrato: University of the Western Cape, Robert Sobukwe Road, Bellville, 7535.
Idilesi Yeposi: Private Bag X17, Bellville, 7535
Inombolo Yefowuni: 021-9592102 I-I-
Emeyili: paia_rfa@uwc.ac.za

3.2.2 Igama**: Mr S Rajie – Umlawuli: Iinkonzo Zomthetho**
Idilesi yesitrato: University of the Western Cape, Robert Sobukwe Road, Bellville, 7535
Idilesi Yeposi: Private Bag X17, Bellville, 7535.
Inombolo Yefowuni: 021-959 3900 I-I-
Emeyili: paia_rfa@uwc.ac.za

3.2.3 Igama: **Prof V Lawack– Isekela leRektha: Ezemfundo**
Idilesi yesitrato: University of the Western Cape, Robert Sobukwe Road, Bellville, 7535
Idilesi Yeposi: Private Bag X17, Bellville, 7535

Inombolo Yefowuni: 021-9592142 I-I-
Emeyili: paia_rfa@uwc.ac.za

3.2.4 Igama**: Prof J Frantz– Isekela leRektha: Uphando Nokusungula izinto Ezintsha**
Idilesi yesitrato: University of the Western Cape, Robert Sobukwe Road, Bellville, 7535
Idilesi Yeposi: Private Bag X17, Bellville, 7535
Inombolo Yefowuni: 021-9593245 I-
Emeyili: paia_rfa@uwc.ac.za

3.2.5 **Igama: Prof M Madiba – Isekela leRektha: Abafundi, Uphuhliso Nenkxaso**
Idilesi yesitrato: University of the Western Cape, Robert Sobukwe Road, Bellville, 7535 :
Idilesi Yeposi; Private Bag X17, Bellville, 7535
Inombolo Yefowuni: 021-9593590 I-
Emeyili: paia_rfa@uwc.ac.za

3.2.6 Igama**: Mnu. M Regal – Umlawuli Jikelele: Ezemali**
Idilesi yesitrato: University of the Western Cape, Robert Sobukwe Road Bellville, 7535
Idilesi Yeposi: Private Bag X17, Bellville, 7535
Inombolo Yefowuni: 021-9592694
I-Emeyili: paia_rfa@uwc.ac.za

3.2.7 Igama**: Mr M Magida – Umlawuli Jikelele: Ezengqesho**
Idilesi Yeposi: Private Bag X17, Bellville, 7535
University of the Western Cape, Robert Sobukwe Road, Bellville, 7535
Idilesi Yeposi: Private Bag X17, Bellville, 7535.
Inombolo Yefowun1: 021-9593333
I-Emeyili: paia_rfa@uwc.ac.za

4. UXWEBHU LWESICELO

Nabanina onqwenela ukufaka isicelo sokufikelela kwirekhodi ethile Yeyunivesithi YaseNtshona Koloni, ngokwamalungiselelo Omthetho, makakwenze oko kuxwebhu olulungiselelwe oko (**Uxwebhu LS226**) olufumaneka Kwiofisi Yerejistra ekule dilesi ilandelayo:

The Registrar
University of the Western Cape
Private Bag X17
Bellville,
7535
Inombolo Yefowuni: 021-9592102 I-
Emeyili: paia_rfa@uwc.ac.za

Uxwebhu lokufaka isicelo malugcwaliswe ngokupheleleyo ze lukhatshwe zii-fizi ezimiselweyo ezandlalwe apha ngezantsi.

5. IIFIZI EZIBHATALWAYO

5.1 Umrhumo wokufaka isicelo

Isicelo ngasinye masikhatshwe **ngumrhumo wokucela oyi-R350-00** (ii-randi ezingamakhulu amathathu namasumi amahlanu) kwaye ayibuyiselwa. Ngaphaya koko Iyunivesithi inelungelo lokubiza umrhumo weefizi ezingaphezu koku ukuhlawulela **ukuba nokufikelela** ngokuxhomekeke kuhlobo nomthamo wolwazi nangendlela oza kunikelwa ngayo. Ukuhlangabezana nale njongo

iyunivesithi ingabiza **imali yediphozithi** xa isicelo sivunyiwe ukuze kubhataleke umrhumo wokuba nokufikelela. Kusenokwenzeka ukuba idiphozithi ingabinawukubhatala wonke umrhuo wokufikelela, kulapho ke kucelwa ukuba umfaki sicelo abhatale ngexesha yonke imali eseleyo. Ukuba ngaba ubhatale ngokungaphaya kwemali efunekayo, iyunivesithi iya kumbuyisela umceli. Amashumi amahlanu ekhulwini (50) % omrhumo wokufikelela ibhatalwa njengediphozithi ngumceli kwaye ibhatalwa ngesicelo.

Ezi fizi zilandelayo kungokunje zibhatalwa njengentlawulo yokufikelela kwaye zinokutshintsha ngokuhamba kwexesha (iifizi zibandakanya i-VAT).

5.2 Imirhumo yokuvelisa kwakhona

Ngekopi nganye ebukhulu bephepha buyi - A4- okanye inxalenye yoko (elibhalwe mnyama ephepheni elimhlophe)	R5,00
Ngekopi nganye ebukhulu bephepha buyi - A4 okanye inxalenye yoko lifakwe kwikompyutha okanye kwi-elektronikhi okanye umatshini okwimo yokuba nokufundeka (emnyana namhlophe)	R5,00
Ngekopi ekwimo efundekayo kwikompyutha kwidiski esi-stiffy (nganye)	R10,00
Ngekopi ekwimo efundekayo kwikompyutha ekwimo efundekayo kwikompyutha nakwi-kompakthi disc	R40,00
Ngoshicilelo lwemifanekiso ebonakalayo nge- A4-ubungakanani bephepha ngalinye okanye inxalenye yalo	R20,00
Ngekopi yemifanekiso ebonakalayo	R60,00
Ngokubhala phantsi okurekhodwe ngelizwi kwi- A4-ubungakanani bephepha okanye inxalenye yalo	R20,00
Ngekopi yerekhodi yelizwi nge- 60 imizuzu yekhasethi	R20,00

5.3 Iifizi zokufikelela ezibhatalwayo xa zingakhutshwanga ngaphandle phantsi Kwecandelo 22(8) lomthetho

5.4 Imirhumo yokuvelisa kwakhona Ngekopi nganye ebukhulu bephepha buyi - A4- okanye inxalenye yoko (elibhalwe mnyama ephepheni elimhlophe)	R5,00
	R5,00
Ngekopi ekwimo efundekayo kwi-diski esi-stiffy (nganye)	R10,00
Ngekopi ekwimo efundekayo kwi-diski ebumbeneyo kwisimo esifundekayo kwikompyutha (nganye)	R40,00
Ngokubhala phantsi imifanekiso ebonakalayo kwiphepha elibukhulu buyi- A4- okanye inxalenye yoko	R20,00
Ngekopi yemifanekiso ebonakalayo	R60,00
Ngokubhala phantsi okurekhodwe ngelizwi kwi- A4-ubungakanani bephepha okanye inxalenye yalo	R20,00
Ngekopi yerekhodi yelizwi	R20,00
Ukukhangela irekhodi ngenjongo yokwenza ingxelo, ingabalwanga iyure yokuqala, efunwayo ngokufanelekileyo kuphando olululu hlobo, ngeyure okanye inxalenye yayo	R20,00

Ukubhatalwa kwee-fizi

Iifizi ezibhatalwayo mazifakwe kule **nombolo ye-akhawunti** ilandelayo**:**

IBHANKI :ABSA BANK
IKHOWUDI YESEBE: 56081047
INOMBOLO YE-AKHAWUNTI : 4050893930
ISALATHISO/INAMBAYOKUSINGISELA: 121007

Ngenye indlela, ii-fizi zingabhatalwa kumgcini-mali Weyunivesithi ngemali, ngetshekhi, okanye I-odolo yeposi Kumgangatho Osezantsi, Kwisakhiwo I-Central Administration Building phakathi kuka-08:30 – 16:30 Ngemivulo ukuya Kulwesihlanu.

Intlawulo ebhatalwa ngeposi mayithunyelwe ku:

The Registrar,
Isekela Legosa Lolwazi /Deputy
Information Officer University of the
Western Cape Private bag X17
Bellville 7535.

6. UMGAQO WOKUFAKA ISICELO SOKUFIKELELA KULWAZI

Umceli makangenise ifom yesicelo egcwaliswe ngokupheleleyo (I-**Fom LS226**) kunye nobungqina bentlawulo efunekayo, ngaphandle kokuba ukhululwe koko, ngesandla, nge-imeyile Kwisekela-gosa Lolwazi leYunivesithi (jonga umhlathi 3.2.1 ukufumana i-dilesi. Nceda uncamathelise ikopi yobungqina bokubhatala okanye ubungqina obubhaliweyo bokukhululeka ekubhataleni obunikwe Ligosa Lolwazi Leyunivesithi okanye Isekela (amasekela) lalo*.*

Nceda uqaphele ukuba isicelo sisenokungavunywa xa singathobelanga amalungiselelo Omthetho.

7. IMIDA YEXESHA LOKUJONGANA NEZICELO

Kulindeleke ukuba Iyunivesithi imazise umceli ukuba isicelo sivunyiwe okanye saliwe na zingegqithanga iintsuku ezingama -30 zokufumana isicelo.

Xa Iyunivesithi ingaphendulanga ngomda wexesha elibekiweyo, umceli angagqiba ukuba Iyunivesithi iyala ukumvumela ukuba afikele kulwazi olufunekayo. Kwimeko elolu hlobo umceli angade aye enkundleni yamatyala ukuyofumana inkqubo yesibheno. Umceli angasa isicelo enkundleni yamatyala. Nceda uqaphele ukuba Iyunivesithi akulindelekanga ukuba ibonelele inkqubo yokubhena, kwaye ke akukho nkqubo injalo yesibheno.

8. UKWALA UKUNIKA IMVUME YOKUFIKELELA KULWAZI

Iyunivesithi ingala ngokusemthethweni ukunika imvume yokufikelela kulwazi ngokwa-Macandelo 33 ukuya ku- 45 Omthetho, nangemigqo emiselwe Kumthetho Wokukhusela Ulwazi Lomntu / Protection of Personal Information Act (POPIA). Umceli, Ngokwamacandelo 78 ukuya ku- 82 Omthetho, angafaka isicelo enkundleni ecela ukuvunyelwa ukuba afikelele kulwazi.

9. INKCAZO YEZIFUNDO APHO IZIKO LEMFUNDO LIGCINE KHONA IIREKHODI NEENDIDI ZEEREKHODI ZESIFUNDO NGASINYE

Ngekopi yerekhodi yelizwi

9.1 Ikhansile

9.1.1 I-ajenda nemizuzu yeentlanganiso
9.1.2 Uludwe lwamalungu
9.1.3 Imiyalelo Esisigxina yeekomiti eziphantsi Kwebhunga
9.1.4 Ukonyulwa nokubuyekezwa Kwamalungu Esigqeba

9.2 Ikomiti Yesigqeba Sebhunga

9.2.1 I-ajenda nemizuzu yeentlanganiso
9.2.2 Uludwe lwamalungu

9.3 Isenethi

9.3.1 I-ajenda nemizuzu yeentlanganiso
9.3.2 Uludwe lwamalungu
9.3.3 Imiyalelo Esisigxina yeekomiti eziphantsi Kwebhunga
9.3.4 Imiyalelo Esisigxina seekomiti ezinika ingxelo Kwisenethi

9.4 Ikomiti Yesigqeba se-Senethi

9.4.1 Ii-ajenda nemizuzu yeentlanganiso
9.4.2 Uludwe lwamalungu

9.5 Iqonga Leli ziko Lemfundo

9.5.1 Ii-ajenda nemizuzu yeentlanganiso

9.5.2 Uludwe lwamalungu

9.6 Ikomiti Yolawulo Lweyunivesithi

9.6.1 Ii-ajenda nemizuzu yeentlanganiso
9.6.2 Uludwe lwamalungu

9.7 Imiba Enxulumene nabafundi

9.7.1 Iirekhodi zemfundo
9.7.2 Iifayili zabafundi
9.7.3 Iifayili zemali
9.7.4 Iiprofayile zabafundi namanani
9.7.5 Iirekhodi zabafundi nengqeqesho
9.7.6 Imibutho, amaqela neemanyano zabafundi

9.8 Imiba Yemali

9.8.1 Iirekhodi zemali
9.8.2 Iingxelo zophicotho lwemali
9.8.3 Ii-ajenda nemizuzu Yekomiti Yezemali Yebhunga
9.8.4 Uludwe lwamalungu Ebhunga Lekomiti Yezemali

9.9 Ezengqesho

9.9.1 Ukuqeshwa nokuhlawulwa kwabasebenzi
9.9.2 Iimeko zengqesho
9.9.3 Iipolisi neenkqubo zabasebenzi
9.9.4 Iipolisi neeplani zomakulingwane wengqesho
9.9.5 I-ajenda nemizuzu Yekomiti Yezengqesho
9.9.6 Iirekhodi Yokohlawulwa kwabasebenzi

9.10 Imiba Yemfundo

9.10.1 Ii-ajenda nemizuzu yeentlanganiso Yebhodi Yefakhalthi
9.10.2 Ii-ajenda nemizuzu yeentlanganiso zesebe
9.10.3 Iincwadi Zonyaka Zefakhalthi (Ulwazi ngekhrayitheriya yokwamkelwa kwabafundi, imithetho yokonyuselwa, yesilabhasi kunye nenkcukacha zesilabhasi nolwazi ngekharityhulam).
9.10.4 Iinkqubo nemigaqo yolawulo lwangaphakthi

9.11 Iinkcukcha zolwazi Zabantu- buqu njengoko zibekiwe Kwisihlomelo 1 apha.

10. IINDIDI ZEREKHODI EZIFUMANEKA NGAPHANDLE KOKUBA UMNTU ACELE IMVUME YOKUFIKELELA KUZO (ICANDELO 15)

10.1 Iinkcukacha ziyafumaneka Kwi-websayithiYeyunivesithi
10.2 Iincwadi Zonyaka Zeyunivesithi gabalala, Iincwadi Zonyaka zefakhalthi kunye ne-Prospekthasi Yeyunivesithi.
10.3 Iingxelo Zonyaka

11. INKCAZO YEENKONZO ZEYUNIVESITHI EZIFUMANEKAYO EBANTWINI GABALALA NENDLELA YOKUFIKELELA KWEZI NKONZO

Ukufikelela kwiinkonzo Zeyunivesithi kukholisa ukuvumela abasebenzi beyunivesithi nabafundi

kuphela. Kodwa ke, izicelo zokufikelela kwiinkonzo ezithile, njengokutyelela iindawo zolondolozo lwendalo e-Cape Flats, kufuneka zingqaliswe Kwintloko Yeyunithi: UWC Nature Reserve. University of the Western Cape

Private Bag X17 Bellville,
7535
Tel: (021) 959-3274

UKUTHATHA INXAXHEBA EKWENZIWENI KWEEPOLISI OKANYE KUMAQELA AWENZA IZIGQIBO ZEYUNIVESITHI {ICANDELO 14(g)}

11.1 Abafundi nabasebenzi bangathath'inxaxheba kwiinkqubo zokubhalwa kweepolisi nakwiinkqubo zokuthatha izigqibo Zeyunivesithi ngokuhambelana namalungiselelo Omthetho Wemfundo Ephakamileyo, Umthetho 101 ka- 1997, njengoko uhlonyelwe, kwanangokuhambelana nezo nkqubo zangaphakathi njengesivumelwano kunye nabameli babafundi nababasebenzi amaxesha ngamaxesha.

11.2 Abanye abantu abanomdla bangafaka izimvo zabo namacebiso abo ngokuzibhala phantsi ziye kwidilesi ka-Registra kwidilesi ekumhlathi 4 apha ngasentla.

12. INKCAZO YAZO ZONKE IIDLELA ZOKULUNGISA EZIFUMANEKAYO NGOKUHAMBELANA NOMTHETHO OKANYE UKUNGAPHUMELELI KWEYUNIVESITHI

12.1 Umfundi okanye ilungu loluntu angafaka isikhalazo ku-Rejistra, ngokusibhala phantsi.

12.2 Abasebenzi bangasebenzisa Imigaqo nenkquboYangaphakathi Yezikhalazo.

12.3 Ukuba isikhalazo ngokuhambelana nomthetho okanye ukungaphumeleli ukuthatha amanyathelo ngokoMthetho Wokukhuthaza Ukufikelela Kulwazi, Umthetho 2 ka- 2000, umntu okhalazayo angathatha amanyathelo njengoko eboniswe kwicandelo Lomthetho 74 ukuya ku- 82.

13. OLUNYE ULWAZI

Xa ufuna naluphi ulwazi olulolunye ekuthe kanti alukho kule ncwadana, nceda unxulumane Negosa Lolwazi, Isekela-gosa Lolwazi okanye u-Rejistra kwezi nkcukacha zonxibelelwano ziku- 5.1 apha ngasentla. Okanye yiya kwi-websaythi ethi **http://www.uwc.ac.za** . Le ncwadana iyafumaneka nge-Afrikansi kwakule websayithi.

Le ncwadana iza kuhlaziywa minyaka le.

IIFOM LS 226

ISIHLOMELO A

I-YUNIVESITHI YENTSHONA KOLONI

ISICELO SOKUFIKELELA KWIREKHODI

Icandelo 18 (1) Umthetho Wokukhuthaza Ukufikelela Kulwazi, Umthetho 2 ka-2000)

A: Iinkcukacha zeziko lemfundo

The Registrar
Deputy Information Officer
University of the Western Cape
Private Bag X17
BELLVILLE
7535
TEL: 021-9592102
E-mail: **paia_rfa@uwc.ac.za**

<u>NCEDA UQAPHELE</u>: Isicelo solwazi ngokuhambelana Nokukhuthazwa Kokufikelela Kulwazi Umthetho 2 ka- 2000, uya kuqhutyelwa phambili kuphela xa isicelo esincanyathiselweyo sigcwaliswe ngokupheleleyo, sasayinwa ngumceli ofanelekileyo ze zabe zibhataliwe ii-fizi.

ISETYENZISWA YI-OFISI KUPHELA			
Inombolo yokusingisela:			
Isicelo sifunyenwe ngu: (igama legosa lolwazi)			
Ngo (umhla)		e-:	
Untlawulo yesicelo:	R	Inombolo yerisithi:	
Idipozithi:	R	Inombolo yerisithi:	
Intlawulo Yokufikelela:	R	Inombolo yerisith:	
Utyikityo Lwegosa Lolwazi:			

IFOM LS 226

B. IInkcukacha zomntu ofaka isicelo sokufikelela kwii-rekhodi

(a)	Iinkcukacha zomntu ofaka isicelo sokufikelela kwiirekhodi mazinikwe apha ngezantsi.
(b)	I-adiesi ne /okanye inombolo yefeksi kwi-Ripabliki, apho ulwazi maluthunyelwe khona.
(c)	Ubungqina bomthamo/ikhaphasithi esenziwa kuyo isicelo masincanyatheliswe xa kufanelekile

Amagama apheleleyo nefani:

Inombolo yesazisi:_____

I-adilesi yeposi:_____

Inombolo yefeksi:

Inombolo yefowuni _____I-adresi ye-e--meyili :_____:

C. Iinkcukacha zomntu ofakelwa isicelo

Eli candelo maligcwaliswe KUPHELA xa isicelo solwazi sisenziwa egameni

Amagama apheleleyo nefani:_____

Inombolo yesazisi:_____

D. Iinkcukacha zerekhodi

(a)	Nika iinkcukacha ezipheleleyo zerekhodi apho ukufikelela kucelwa khona, kunye nenombolo yesalathisi xa ngabe uyayazi, ukwenzela ukuba irekhodi ifunyanwe
(b)	Ukuba asanelanga isithuba esinikiweyo, nceda uqhube kwiphepha elitsha ze ulincamathisele kolu xwebhu. **Umceli makasayine onke amaphepha awongeziweyo.**

1. Inkcazo yerekhodi okanye indawo yerekhodi efanelekileyo:

2. Inombolo yokusingisela, xa ifumaneka:

3. Naziphi ezinye iinkcukacha zerekhodi:

E. IiFizi

(a)	Isicelo sokufikelela kwirekhodi, engasiyiyo eneenkcukacha zomntu malunga nawe, ziya kugqithiswa kuphela emva kokuba **umrhumo wesicelo** ubhataliwe.
(b)	Uyakwaziswa ngesixa ekufuneka sibhatalwe njengemali yesicelo.
(c)	**Umrhumo obhatalelwa ukufikelela** kwirekhodi uxhomekeke kwi-fom apho ukufikelela kufunwayo kunye nexesha elaneleyo elifunwayo ukukhangela
(d)	nokulungiselela irekhodi.

IFOM LS 226

Isizathu sokukhululwa ekuhlawuleni umrhumo:

F. IFom yokufikelela kwirekhodi

Ukuba awukwazi kufunda ngenxa yesiphene sokufunda, jonga okanyemamela irekhodi ekwimo yokufikelela enikikweyo

Isiphene:_____	I-Fom ekufuneka irekhodi kuyo:_____

Phawula ibhokisi efanelekileyo ngophawu u- **X. AMANQAKU:**

(a) Ukuthobela isicelo sakho sokufikelela kwifom exeliweyo kungaxhomekeka kwifom apho ifumaneka khona irekhodi:

(b) Ukufikelela kwifom exeliweyo kungaliwa kwiimeko ezithile. Uya kwaziswa kwimeko elolu hlobo ukuba ukufikelela kuza kunikwa ngenye indlela.

(c) Umrhumo obhatalelwa ukufikelela kwirekhodi, ukuba uyafuneka, uya kumiselwa ngokuyinxalenye ye-fom ekucelwa kuyo ukufikelela.

1. Xa irekhodi ikwimo ebhaliweyo okanye eshicilelweyo:

	Ikopi yerekhodi *		Ukuhlolwa kwerekhodi

2. Ukuba irekhodi inemifanekiso ebonakalayo –
(oku kubandakanya iifoto, izlayidi ,iividevo ezirekhodiweyo, imifanekiso eveliswe ngekompyutha, imizobo,njalonjalo.):

	Bona imifanekiso		Bhala imifanekiso*		Ukukhutshelwa kwemifanekiso *

3. Ukuba inamagama okanye ulwazi olubhaliweyo, oolunokuveliswa kwakhona

	Mamela isandi sentetho Mamela intetho erekhodiweyo (ikhasethi emanyelwa ngendlebe)		Ukushicilelwa kwekhasethi * (ebhaliweyo okanye-uxwebhu oluprintiweyo)

4. Ukuba irekhodi igcinwe kwikompyutha okanye kwi-elektronikhi okanye kwimo efundekayo:

	Ikopi eprintiweyo okanye erekhodiweyo*		Ikopi yolwazi eprintiweyo evela kwirekhodi*		Ikopi ekwisimo esifundekayo sekompyutha * (I-khompathi diski okanye I-USB)

*Ukuba ucele ikopi okanye ukhuphelo olubhaliweyo lwerekhodi (engasentla), ingaba unqwenela ukuba ikopi okanye ukhuphelo olubhaliweyo luposelwe kuwe? **Ukuposwa kuyabhatalelwa.**	EWE	HAYI
Qaphela ukuba irekhodi ayifumaneki ngolwimi olukhethayo ukufikelela kunokunikwa ngolwimi efumaneka ngalo irekhodi.		
Ungakhetha luphi ulwimi lwerekhodi?		

IFOM LS 226

G. Isaziso sesigqibo ngokusingisele kwisicelo sokufikelela

Uya kwaziswa ngokubhalelwa ukuba ngaba isicelo sakho sivunyiwe/saliwe. Ukuba unqwenela ukwaziswa ngenye indlela, nceda uyixele levo ndlela ze unike iinkcukacha ezifunekayo ukulungiselela

Ungathanda ukwaziswa njani ngesigqibo esiphathelele kwisicelo sakho sokufikelela kwirekhodi?

Isayinwe e-_____ngolu suku_____luka-_____20_____

UTYIKITYO LOMCELI / UMNTU
EKUTYIKITYWA ENDAWENI YAKHE

Isihlomelo A

UKUKHUSELWA KOLWAZI LWENKCUKACHA ZOMNTU BUQU

1. INTSHAYELELO

Umthetho Wokukhuselwa Kolwazi lwenkcukacha Zomntu Ubuqu,Umthetho 2013 (POPIA) ukhuthaza ukukhuselwa kolwazi lwenkcukacha zomntu ngokusetyenzwa yimibutho yoluntu namaqumrhu abucala ze yazise iimeko ezithile ukuze imisele ubuncinane beemfuno ukuba kuqhutywe ngolwazi ngenkcucha zomntu**.**

Esi **Sihlomelo A** ***Kwincwadi Yokufikelela Kulwazi olubhaliweyo Lweyunivesithi Yasentshona Koloni ngokumayela Nomthetho Wokukhuthaza Ukufikelela Kulwazi, nombolo 2 ka- 2000*** siyasebenza kwisicelo sokufikelela kwiirekhodi zeenkcukacha zolwazi zomntu kumxholo we-data ngokusetyenzwa yi-Yunivesithi Yasentshona Koloni ("the University").

Esi sihlomelo kufuneka sifundwe kunye Nomgaqo-nkqubo (ipolisi) Weyunivesithi Wokukhuselwa Kolwazi, Umgaqo-nkqubo Wokhuseleko Lolwazi, kunye Neerekhodi Zamaxwebhu Nepolisi Yolawulo Loovimba.

2. IINKCAZO [1]:

Ulwazi ngeenkcukacha zomntu	**'Ulwazi ngeenkcukacha zomntu'** luthetha ulwazi olumayela nomntu onokubonwa/ophilayo, umntu, ibengumntu osemthethweni, kubandakanya kodwa ngokungenamda okanye ngokungabophelelekanga – (a) Kulwazi olumayela nobuhlanga, isini, ukukhulelwa, isimo sokutshata, ubuzwe, ubuhlanga okanye imvelaphi, ibala, imeko yokwazi ngesondo, ubudala, impilo yomzimba okanye yengqondo, impilo entle, isiphene, inkolo, inkonzo, isazela, ulwimi nokuzalwa komntu; (b) Ulwazi olumayela nemfundo okanye isimo semali, ukwaphula umthetho okanye imbali yokusebenza/yomsebenzi womntu; (c)nayiphi inombolo yesazisi,umqondiso, i-imeyile adresi, idilesi yendawo yokuhlala, inombolo yefowuni ,

.

[1] USAf POPIA Industry Code of Conduct: Public Universities (September 2020)

	Ulwazi ngendawo, isichongi se-online okanye nawuphi umsebenzi owabelwe umntu ngokukodwa; (d) ulwazi ngebhayometriki yomntu; (e) Izimvo, iimbono okanye ukukhetha komntu; (f) Imbalelwano ethunyelwe ngomntu ikwisimo esicacileyo okanye esingafihliyo, sabucala okanye esikwimo yabucala, eyimfihlo okanye imbalelwano eyenye enokudandalazisa okuqulathwe yimbalelwano yentsusa; (g) Izimvo okanye iimbono zomnye umntu malunga nomntu; kunye (h) Negama lomntu xa ngaba liyavela kwiinkcukacha zomnye umntu okanye ukuba ukudandalaziswa kwegama ngokunokwalo kungavelisa olunye ulwazi ngalo mntu.
Ulwazi ngeenkcukacha zomntu	**''Ulwazi olulodwa ngeenkcukacha zomntu'** luthetha (a) Ngeenkolo okanye iinkolo zefilosofi, uhlanga okanye imvelaphi yohlanga, ubulungu kumbutho wabasebenzi, ukulukuhlekela kwicala elithile lepolitiki,impilo okanye ubomi bezesondo okanye ulwazi ngebhayometriki ngomxholo wedata; okanye (b) Isimo sobugebenga somxholo wedata kangongokuba ulwazi olulolo hlobo lusingisela – (i) Kwikhomishini etyholwa ngumxholo wedata ngolwaphulo-mthetho; okanye (ii) Nayiphi na inkqubo ngokusingisele nakoluphi ulwaphulo-mthetho otyholwa ngalo umxholo wedata okanye ukulahlwa kweenkqubo ezilolo hlobo.

Umxholo wedata	**'Umxholo wedata'** uthetha into okanye umntu osingisele kuye umxholo.

	Umxholo wedata unokubandakanya: • abafundi abalindelekileyo • abafundi abafake izicelo zokwamkelwa • abafundi abangabemi boMzantsi Afrika kunye nabo bavela kumazwe angaphandle • abafundi ababevela ngaphandle • abo sebesebenza emva kobugqirha bemfundo • Izithwalandwe/alumni • Abasebenzi abafundisayo kunye nabasebenzi bolawulo • abo bangabeviwa abavavanyelwaumsebenzi • amalungu angaphandle eekomiti • abasebenzi • abaphandi • abathatha inxaxheba kuphando • ababhali • amalungu ekhansile • abanika iinkonzo zomsebenzi, abo kuthengwa kubo, iikontraka ezizimeleyo • imibutho engamaqabane • iinkampani ezincedisayo • abaxhasi nabaxumi • iindwendwe -amalungu oluntu.

Ukukuqhubeka	**'Ukukuqhubeka'** kuthetha nayiphi imisebenzi okanye intshukumo okanye iqela lemisebenzi, nokuba yiyo okanye asiyiyo eyenzekayo, malunga nolwazi ngomntu kubandakanya – (a) Ingqokolela, ukufumana, ukurekhoda, umbutho, ukudibanisa, ukugcina, ukuhlaziya, ukuguqulwa, ukufunyanwa, ukubonisana okanye ukusebenzisa; (b) Ukusasazwa ngendlela yokusulela, ukuhanjiswa, okanye ukwenza ukuba ifumaneke nangeyiphi indlela; okanye (c) Ukudityaniswa,ukuhlanganiswa, ukuthotywa, ukucinywa, okanye ukutshatyalaliswa kolwazi.
Irekhodi	I- '**rekhodi'** ibandakanya nayiphi na indlela okanye ijelo lokugqithisa eyenziwe ngekompyutha futhi ibandakanya ukubhala nakweyiphi i-matheriyali, edijithali okanye iirekhodi, iincwadi,iigrafu,iifoto,iifilimu neeteyiphu.
Umamkeli	**'Umamkeli'** uthetha umntu omiselwe oko ngendalo okanye umntu wasemthethweni (ugunyaziwe woluntu), i-arhente okanye nawuphina omnye umntu engadandalaziswa kuye idatha eyeyomntu ubuqu,nokuba ungaphandle kweyunivesithi (umntu wesithathu) okanye ongaphakathi Eyunivesithi.

3. UKUSETYENZISWA KWE- POPIA

3.1 I-POPIA isebenza xa inkcukacha zomntu zifakwa kwirekhodi ngendlela yomatshini okanye engasiyoyamatshini , yiYunivesithi kwaye zenza inxalenye okanye kujongwe ukuba zibeyinxalenye yenkqubo yokufaka kwinkqubo yeefayili.

3.2 Iyunivesithi igqithisa ulwazi ngenkcukacha zomntu zezifundo zomxholo wedata.

3.3 Ukuqhubeka kuchazwa ngokuthi kubandakaya:

(i) ukuqokolela, ukwamkela, ukurekhoda, ukucwangcisa, ukudibanisa, ukugcina, ukuhlaziya okanye ukuguqulwa, ukufunyanwa, ukuguqulwa, ukubonisana okanye ukusebenzisa;

(ii) **ukugqithisela ngendlela yokosulela, ukuhambisa okanye ukwenza ukuba ifumaneke nangeyiphi indlela eyenye;** okanye

(iii) ukudibanisa,ukuqhakamshelanisa, kwakunye nokuthintela, ukuthotywa, ukucinywa/ ukususwa okanye ukudilizwa kolwazi.

4. IZIFUNDO ZEYUNIVESITHI NGEDATHA

Iyunivesithi igqithisa ulwazi ngomntu malunga noku kulandelayo, phakathi kwezinye izinto, ezi zifundo zedatha zilandelayo, zenziwe izintlu ngokuhambelana nezifundo ngedatha:

4.1 Abafundi

- abafundi abalindelekileyo
- abafundi abafake izicelo zokwamkelwa
- abafundi abangabemi boMzantsi Afrika kunye nabafundi bamazwe angaphandle
- abafundi abavela kwezinye iiyunivesithi
- abo sebenezidanga zobugqirha emfundweni
- abo babesakufunda kule yunivesithi

4.2 Abasebenzi

- abasebenzi abafundisayo kunye nabo bakulawulo lweyunivesithi
- abaviwa beviwelwa ingqesho/ukuqeshwa
- abasebenzi

4.3 Uphando

- abaphandi
- amalungu angaphandle eekomiti
- abathatha inxaxheba kuphando
- abavavanyi bangaphandle
- abaxhasa ngemali

4.4 Iqela lesithathu

- ababhali
- amalungu ekhansile
- amalungu angaphandle ekomiti
- abanikela ngeenkonzo, abathengisi, iikontraka ezizimeleyo
- imibutho yamaqabane
- abancedisi
- abaxhasi gabalala nabaxhasi abaxhasa ngemali
- iindwendwe
- amalungu oluntu

4.5 ICT

Inqumla phakathi kwazo zonke ezi ndidi zingasentla.

5. IINKCUKACHA ZOMNTU EZINOKUGQITHISWA YIYUNIVESITHI

5.1 Idatha Yomfundi

(j) Ingxelo echaza umntu

(ii) Ingxelo eyohlukileyo echazayo

(iii) Ingxelo yeerekhodi zonyango

(iv) Iingxelo zobume bempilo yengqondo

(v) Ulwazi ngesiphene

(vi) Ulwazi ngomntu osondeleyo ngokuzalana, ulwazi oluchaza umntu kunye nenkcukacha zakhe

(vii) Iirekhodi zemfundo

(viii) Iirekhodi zengqeqesho

(ix) Iinkcukacha zomntu ubuqu zokungema

(x) Iividiyo nokuqondwa kobuso

(xi) Iingxelo zemali, iingxelo zebhanki kunye nee-invoyisi

5.2 Ingxelo ngabasebenzi

(i) Ingxelo eyodwa yokuchonga

(ii) Ingxelo yeerekhodi zonyango

(iii) Iingxelo zobume bempilo yengqondo

(iv) Ulwazi ngesiphene

(v) Ulwazi ngomntu osondeleyo ngokuzalana, ulwazi oluchaza umntu kunye nenkcukacha zakhe zonxibelelwano

(vi) Ulwazi oluchaza ngeqabane lezothando, abantwana kunye /nabo bafanele ukuzuza kwimali yomhlala-phantsi (penshini)/ingxowa-mali yezibonelelo kunye/okanye i-inshorensi yobomi

(xii) Iirekhodi zemfundo

(vii) Iirekhodi zezohlwayo

(viii) Iinkcukacha zokungema (login)

(ix) Okugcinwe kwiivideyo nokubonwa kobuso

(x) Iingxelo zemali, iingxelo zebhanki kunye nee-invoyisi

(xi) Iirekhodi zomvuzo

(xii) Ulwazi ngezakwa-SARS

(xiii) Ubume bokutshata

(xiv) Iirekhodi zolwaphulo-mthetho okanye ezokosulwa ekwaphuleni umthetho

5.3 I-Data Yeqela Lesithathu

(i) Ingxelo echaza umntu

(ii) Ingxelo ngenkampanii okanye umbutho

(iii) Ingxelo ngenkampanii okanye ingxelo ngokubhaliswa kwayo

(iv) Um(aba) lawuli ,amaxwebhu okanye izazisi zamalungu okanye zamaqabane awo (Ulwazi lwabafundi olukhethekileyo lesazisi)

(v) Ubungqina bedilesi

(vi) Iwonga le-BBBEE

(vii) Ulwazi ngokukhubazeka

(viii) Isimo somtshato, xa kufanelekile, ulwazi ngesizalwane esisondeleyo, ulwazi ngembali yobomi kunye nenkcukacha zonxibelelwano

(ix) Iingxelo yemali oyamkelayo, iingxelo zebhanki kunye nee -invoyisi

(x) Ulwazi ngeSARS, kubandakanya inkcukacha ngokubhaliswa

(xi) Iirekhodi zolwaphulo-mthetho okanye ezokosulwa ekwaphuleni umthetho

5.4 Idatha Yophando

Jonga: Idatha Yabafundi (5.1) ngokunxulumene nezifundo zedatha kunye nedatha yabaphandi neyabasebenzi (5.2) ngokunxulumene nezifundo zedatha yophando nabaphandi kunye neyabasebenzi Idatha Yeqela Lesithathu (Third Party Data (5.3) ngokuphathelele kubavavanyi bangaphandle nabaxumi ngemali.

6. ISIZATHU ESINOKUBANGELA UKUBA INKCUKACHA ZOMNTU ZINGAGQITHISWA

6.1 Ulwazi ngomntu lungegqithiselwa Yiyunivesithi :

6.1.1 ukugqibezela isivumelwano/ikhontrakthi okanye ukusebenza ngokuhambelana nekhontrakthi . Umzekelo, iikhontrakthi zezicelo zabafundi nezabasebenzi;

6.1.2 ukuthobela uxanduva olubekwe ngumthetho;

6.1.3 ukukhusela umdla osemthethweni wesifundo sedatha;

6.1.4 ukuqinisekisa ukusebenza okufanelekileyo komsebenzi womthetho wabantu Baseyunivesithi;

6.1.5 ukuqinisekisa umdla osemthethweni weqela elinoxanduva okanye weqela lesithathu.

7. XA KUFANELE UKUBA ULWAZI NGOMNTU UBUQU LUSETYENZISWE

7.1 Ulwazi ngomntu lungasetyenziswa ngemvume yedatha okanye yomntu onobuchule apho umxholo wedatha ingumntwana.

7.2 Ukuqhubeka ngenkcukacha zomntu kunesizathu esivakalayo.

7.3 Ukuqhubeka **ngolwazi lwenkcukacha zomntu** kunesizathu ukuba:

7.3.1 Ukusekwa, ukusetyenziswa okanye ukukhusela ilungelo elisemthethweni

7.3.2 Umthetho woluntu lamazwe onke

7.3.3 Iinjongo ngembali, imiba namanani /, okanye uphando

7.3.4 Ulwazi lwaziswe esidlangalaleni sisihloko sedatha

7.3.5 Umxholo wedatha unike imvume

7.3.6 Ulwazi lungegqithiswa ngezizathu zempilo

8. UKUGQITHISELWA NGAPHAYA KWEMIDA IINKCUKACHA ZOMNTU

Ukuba ulwazi ngomntu kwabelwana ngalo nomnye umntu okwelinye ilizwe, kusebenza eminye imithetho eyongeziweyo ukuqinisekisa ukuba ulwazi ngomntu lufumana ukhuselo ngaphandle koMzantsi Afrika.

8.1 Ulwazi ngomntu kungabelwana ngalo kuphela nomnye umntu okwelinye ilizwe ukuba:

8.1.1 Elo lizwe linomthetho wokukhuselwa kwedatha onika izinga elaneleyo lokhuselo obukhulu balo bufana nobe-POPIA kwaye ubandakanya icandelo lokugqithisela ulwazi kwamanye amazwe.

8.1.2 Lowo ufumanayo ubotshelelwe *'zizibophelelo zemithetho yequmrhu '* ezinika izinga elaneleyo lokhuseleko obukhulu balo bufana nobe-POPIA, kwaye zibandakanya icandelo lokugqithisela ulwazi kwamanye amazwe.

8.1.3 Iziko libotshelelwe sisivumelwano esinika izinga elaneleyo lokhuseleko obukhulu balo bufana nobe-POPIA kwaye sibandakanya icandelo lokugqithisela ulwazi kwamanye amazwe.

8.1.4 Umxholo wedatha uvumelene nokugqithiselwano

8.1.5 Ukugqithiswa kolwazi ngomntu kuyafuneka ekusebenzeni kwekontrakthi phakathi komxholo wedatha neqela elinoxanduva okanye iqela lesithathu, okanye ukumiselwa kwamanyathelo ekontrakthi yangaphambili eyathathwa ngomyalelo ovela kumxholo wedatha.

8.1.6 Kwakungenokwenzeka ukufumana imvume, kodwa ukugqithiswa kuyinzuzo yomxholo wedatha kwaye ukuba kwakunokwenzeka ukucela imvume, umxholo wedatha kunokwenzeka ukuba ngowawuvumile.

8.2 Ukugunyaziswa kwangaphambili okuvela Kulawulo Lolwazi kungafuneka xa iinkcukacha zolwazi ezisingisele ebantwaneni kufuneka kwabelwane ngazo neqela lesithathu elikwilizwe langaphandle elinganiki izinga lokhuselo elaneleyo.

9. UKHUSELEKO LOLWAZI

Iyunivesithi ithatha amanyathelo awaneleyo okhuseleko ekugqithiseni ulwazi ngomntu. Abafundi bakhuthazwa ukuba bafunde Umgaqo-nkqubo Yokhuseleko Lweyunivesithi.

10. ABO BAFUMANA IINKCUKACHA ZOLWAZI NGOMNTU OLUGQITHISWA YIYUNIVESITHI

Abo bafumana iinkcukacha zolwazi ngomntu, olugqithiswa Yiyunivesithi bangabandakanya:

10.1 ezinye iiyunivesithi;

10.2 abaxumi/ abaxhasi ngemali;

10.3 abaphandi;

10.4 amasebe karhulumente;

10.5 izicelo ezifakwa kanye ukufikelela kwiirekhodi ezinganye (umzekelo. xa umzali ecela ukufikelela kwiinkcukacha zomntwana wakhe);

10.6 amaqela esithathu (umzekelo. abo banikela ngeenkonzo).

11. IZICELO ZOKUFIKELELA KWIINKCUKACHA ZOLWAZI EZIFAKWA LIQELA LESITHATHU ELINGALAWULWA YIKONTRAKTHI EPHAKATHI KWEYUNIVESITHI KUNYE NOMCELI

11.1 Ukufikelela Kumxholo wedatha ukufumana inkcukacha ezizezabo ubuqu

11.1.1 Ilungelo lokufikelela

11.1.1.1 Icandelo 23 le-POPIA lilungiselela ukuba abo bakumxholo wedatha banelungelo:

(i) lokuqinisekisa (simahla) ukuba ingaba iziko lemfundo linazo na iinkcukacha ngabo;

(ii) lokucela iirekhodi okanye inkcazo yenkcukacha zolwazi ngomntu elingabanazo iziko; kunye

(iii) nokwazi izazisi zawo onke amaqela esithathu okanye iindidi zesithathu ezinokufikelela okanye ebezikhe zafikelela kulwazi ngomntu.

11.1.1.2 Abo bayinxalenye ye-datha baya kunikwa ilungelo lokufikelela kwidatha yabo, ngokuxhomekeke kwisicelo sokugqithiswa kolwazi njengoko kubekwe elubala kwi-***ncwadi yesandla Yokufikelela Kwiirekhodi Zeyunivesithi Yasentshona -Koloni/the University of the Western Cape ngokwemigaqo Yokukhuthaza Ukufikelela Kumthetho Wolwazi, nombolo ka-2000***:

(i) ngexesha elifanelekileyo;

(ii) ngomrhumo/ngemali emiselweyo, xa ngaba ikhona;

(iii) ngendlela nesimo esisengqiqweni; kunye

(iv) ngefomathi eqondakalayo.

11.1.1.3 Isicelo sokukufikelela kumxholo wedatha singaliwa ngezizathu zokwalelwa ukufikelela kwiirekhodi zokukhuthaza.

11.2 Isicelo sokufikelela kweqela lesithathu

11.2.1 Icandelo 34 Lomthetho Wokukhuthaza Ukufikelela Kulwazi liya kusetyenziwa kwizicelo zokufikelela kwabantu beqela lesithathu, kwinkcukacha zomntu zomxholo wedatha.Umthetho ongagqibekanga kukuba malidandalazise kuphela ulwazi lomntu ngaphaya kwalowo ufake isicelo xa ukwenza oko kusengqiqweni.

11.2.2 Icandelo 34(2) Lomthetho Wokukhuthaza Ukufikelela Kulwazi lidwelisa umahluko kumthetho ongagqibekanga:

(i) Umxholo wedatha uvumelene ngokubhala malunga nokuxela.

(ii) Umxholo wedatha waziswa ukuba inkcukacha zabo ziya-okanye zingenziwa zifikeleleke ebantwini.

(iii) Ulwazi ngomntu selufumaneka kubo bonke abantu.

(iv) Umceli unika unyango lwezonyango kumxholo wedatha kwaye umxholo wedatha ungaphezulu kweminyaka eli-18 ngoko ke abanakunika iinkcukacha ngokwabo ngaphandle kokuba olu lwazi sele lukumdla walowo idatha ingaye.

(v) Ukuba umxholo wedatha ligosa lasekuhlaleni lequmrhu labantu ze kube ulwazi lunxulumene kwizinga okanye kwisikhundla okanye kumsebenzi wakhe, iinkcukacha zabo zasemsebenzini, ulwazi olunxulumene nomvuzo kunye nenkcazo yomsebenzi wabo, okanye ukuba igama lalowo ukumxholo wedatha liyavela kwirekhodi eyenziwe ngumxholo wedatha ekuhambeni kwexesha lokuqeshwa kwabo.